



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2018**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

---

Le memorandam inamaphepha angama-26.

---

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesiqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekisha kumaziko okukorekisha.
- Impendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebbale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekualeni kuphela. (**Umviva akuvumelekanga ukuba aphendule umbuzo osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye kwijenri enye.**)
2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.
4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.
5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokuchanekileyo, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpndulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpndulo.
7. *Imibuzo esisincoko*  
Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyiggithisela kumkorekishi ophezulu. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.
8. *Imibuzo emifutshane*  
**Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.
9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/ BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Makisha impendulo exhasayo.
11. Impendulo zemibuzo emifutshane mazihlolisiswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubeke ngexesha lobekomgangathweni lwasikhokelo sokukorekisha.

## **ICANDELO A: ISIHOBE**

### **IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane**

#### **UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

#### **IIMBONGI – ZS Qangule**

**Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Ama-6 ngawomxholo aze ama-4 abe ngawolwimi kunye nesimbo.**

#### **Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.**

- Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
- Impendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-30 ukuhlola lo mbuzo.

#### **Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Impixano ibonakala ngokubethabethana kwezimvo. Ngokwalo mbongo ziabedabedana izimvo zembongi ngokwemisebenzi yembongi. Isigama esisebenzisayo imbongi siyakudiza oku. Kwiisonethi oku kuguquka kubonakala kwindawo apha kumbongo ekuthiwa yivolta. Kwelinye icala iyazoyikisela iimbongi ngenxa yokuceketeka kweememko iimbongi ezisebenza ngayo kwanendlela ezibonwa ngazo iimbongi.

#### **Imiqolo emihlanu yokuqala idiza ukuzoyikisela**

- Zisuka nje izibona ziziinkedama: Kuba kungekho bani uzithethelelato kwaye ngokwembono yayo aziphatheki kakuhle izifanise ngqo ngesikweko nendlela ephathwa ngayo inkedama. Iqwela ngokuzibona zibhonga kwizibongo ezizenzayo kuba zikhalela okanye zikhala zela oko zikukhalazelato.
- Umsebenzi wazo ubonwa njengomsebenzi oethe-ethe “wokunuka” kuba ziba ngathi ziyabatyhola abo sukuba benesiphene okanye isikhwasilima.
- Kuba zithetha nje, zibhekise ngqo, ukuthetha kwazo kufaniswa nokwamanxila kangangokuba bade bangaqondakali ukuba baphilile engqondweni.
- Kuyabonakala ukuba nangona iimbongi zisoloko zinolwazi zinamandla okuthethelela, ukunqanda into embi eyenzekayo nakuba kukuliphi na ibakala lombuso, kufuneka ziwabale amazwi azo zingawunyhashi umbuso.
- Kowesihlanu umqolo umsebenzi wazo ubonwa njengempoxo.

#### **Kwimiqolo 6–14**

Imbongi ibonakalisa ukutshintsha ibona ubuchule, amava obungayiwayo kwabo ibiboyikisela. Ibabona beprofithesha, bezizazi bekho nakwezobuKrestu bethandazela, bephilisa benyanga, benika ulwazi ngezintsompothi zesizwe, kuthenjelwe kuzo. Ibabona njengabavuseleli apho abantu bafikelwa ngumtha wedolo ibakho yona ibavuselele. Incoma nokungapheli kweengcinga isebezisa amagama “ziingxangxasi” ukubonisa obu buninzi. Ukutola nokuhlola ludidi oluthile lokubona izinto ezingabonwa ngamehlo njee esiqhelo.

[10]

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UNGOMA KAVELAPHI – JJR Jolobe**

- 2.1 Lizisa intsingiselo yokuba lowo kuthethwa egameni lakhe sele ezakulishiya eli phakade. √√ (2)
- 2.2 Ngumhobe bungoma √ kuba isimbo sokuphindaphinda imiqolo ethile siwunika olu phawu. √ (2)
- 2.3 Ukusebenzisa kwembongi amazwi aphindiweyo athi “ndyeza” bubungqina bokuba umguli lo kuthethwa naye uyasiva isikhalo ingakumbi kuba uvuma ukuba ungowakhe sisithandwa sakhe. √√ (2)
- 2.4 Eyokuba umguli uzibona engasenakubuya mva kwaye uzibona enayo indawo kwilizwe aya kulo okanye enebango kule ndawo √√/Eyokuba likhaya lakhe lemveli apho aya kuhlangana naye kwakhona. √√ (2)
- 2.5 Ungokugulela ukufa kukaVelaphi engxamele ukuya kudibana nenkosikazi yakhe eselete yalandulela eli. √√ /UngoVelaphi osemgodini okhumbula inkosikazi yakhe engenakuya emayini ngenxa yemithetho evalelayo. √√ [10]

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UKWENZIWA KOMKHONZI – SEK MQHAYI**

- 3.1 Eyokuba lo uthethayo akayifuniseli koko uyayazi into athetha ngayo. √√ (2)
- 3.2 Ngumbongo nkwinthsho√ kuba imbongi iyakhalaza ikuhalazela impathombi efunyanwa ngabantu egameni lokwenziwa izicaka. √ (2)
- 3.3 Imbongi ngokwalo mqolo ayikwamkeli konke konke ukuphatheka kakubi kuba ivakalisa ukuba bazenza ngathi bayabanceda abantu ababaphatha kakubi. √√ (2)
- 3.4 Ingcinga yokuba abantu akukho lula ukwenziwa komkhonzi √√/ Eyokuba olu uqequesho alulula konke konke √√/ Eyokuba asikokukhonza noko oku kukucaka √√/ Eyokuba imbongi iyayikuza le ndlela yokwenza umkhonzi ngoko ke mayinikwe ingqwalasela. √√/ Eyokuba imbongi yanelisekile yindlela asukwa ngayo umkhonzi ngoko ke abantu mabalunyamezele uqequesho oluhamba nako. √√ (2)
- (Nayiphi na kwezi)** (2)
- 3.5 Ungendlela emasikizi abantu abenziwa ngayo izicaka bekhala. √√/ ungendlela ababesensiwa ngayo abamnyama beli ukuba bathethe into abangayithethiyo okanye abangevani nayo ngebhaxa. √√/ ungendlela abantu abahluphekayo ababephathwa ngayo ngabantu abahluthayo √√ ungendlela yokuhlalisana kwabahluthayo nabahluphekayo kweli. √√ (2)
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

[10]

## **UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

### **UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – JJR Jolobe**

- 4.1 Eyokuba obongwayo ngumntu ongumama owenza imisebenzi enzima √√/  
UCharlotte wayengumama owayesebenza ngabantu abanezimilo nezimo ezingajongekiyo. √√

**(Nasiphi na kwezi)** (2)

- 4.2 Yi-eleji/ sisimbambazelo/ ngumbongo othuthuzelayo √ kuba uthuthuzela isizwe ngelahleko kamfikazi uCharlotte Maxeke √

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.)** (2)

- 4.3 Iyakwamkela kuba intetha ethi ‘igqibile’ yintetha eluphawu lokwamkela kwaye imbongi ifuna ukuba abo balahlekelweyo bakholelwe ukuba izinto azenzileyo zezo bekufanele ukuba azenze. √√

(2)

- 4.4 Eyokuba abo bafelweyo nabafazi mabathathe apho le ntokazi iyeke khona nabo benze imisebenzi emihle nanjengoko ebesenzo √√/ Eyokuba mabayeke ukulila bajonge phambili. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

- 4.5 UngoMama uCharlotte Maxeke osishiyileyo isizwe ebenemisebenzi emihle esizweni ngexesha lokuphila kwakhe. √√

(2)

**[10]**

## **ISIHOBE ESINGAFUNDISWANGA (SINYANZELEKILE UKUBA USIPHENDULE)**

### **UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

#### **A! ZILIMBOLA! – M Mbambo**

- 5.1 Isikhahlelo √/Ukulandwa komnombo √/ ukusetyenziswa kwezikweko √/  
Ukusetyenziswa kwezibhebhewula zamagama √

**(Nasiphi isibini kwezi)** (2)

- 5.2 Lo mqolo uphuhlisa ukuba umendi uthi ukuze azive emzini abe unomntwana oyindodana. √√

(2)

- 5.3 Sisikweko √ esisebenze ukubonakalisa ukuba uvelele ebantwini uqwälasele yonke into ephantsi kwakhe √/Sisebenze ukubonisa iliso elibukhali kubantu abaphetheyo. √

(2)

- 5.4 Umqolo wama-20 wakhiwe ngamagama amathathu ukanti owama-21 wakhiwe ngamagama amane. √√

(2)

- 5.5 Ungenkangeleko kaZilimbola kwanobuciko bakhe. √√

(2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### INOVELI

#### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

##### *INKAWU IDLIW' ILILA – S Kula*

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokusinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

##### **Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Ukomelela komlinganisa oyintloko kubonwa ngenani okanye ububanzi bemiqobo athe wahlangana nayo ebalini ukuya kwimpumelelo okanye isiwo sakhe.
- Imiqobo zizo naziphi iziphazamiso eziza nomchasi ukuze angayifumanu lula into ayifunayo oyintloko.
- Kule ncwadi uThantaswa unguye umlinganisa oyintloko owomeleleyo kuba ubesilwa nomchasi onamandla- umthetho.

Ngezantsi yimiqobo anokuchankcatha kuyo umfundi ozama le mpendulo:

- Umqobo wokuqala ngowokufumana uMsindisi ongusomashishini awuqabele ngokuqweba isibindi esithatha kumandla awahlohlwe nguNomathamsanqa ukuba asebenzise ikhadi elineenombolo zemfonomfono.
- Akumfumana uMsindisi ufunu ukuba nomntwana kaMsindisi azokuba nendlalifa, sisuke siphume isisu kucace ukuba akanakuze afumane bantwana – ipupha lakhe lendoda esisityebi lifadalale.
- UMsindisi ufunu ukutshata isithembu xa uThantaswa engenakufumana bantwana uThantaswa awuqabele ngokujima noMfuneko bahlobane.
- Ngowokubulala uMsindisi xa kucaca ukuba akabandakanywa nakuloo mashishini ngenxa yokungabi namntwana.
- Noku kuhamba noMfuneko kuphinda kube ngumqobo kuqinise injongo yesithembu awuqabele lowo ngokuya kuhlala kuloMsindisi, akhe ipomakazi lendlu ahambe necawe ngenjongo yokuthenga ubuso noxolo lukaMsindisi.
- Akulufumana uxolo ukhwela kwinqwelo yokubulala kunye noMfuneko emva kokufumana icebo kuMfuneko malunga nendlela angamsusa ngayo.
- Akumsusa kuvela umqobo wokuba iincwadi zelifa azimbandakanyi awuqabele ngokuya kuMdlambila.
- Kukwakho nalo wokuphepha ityala lokubulala uMsindisi aphetshiswa nguMfuneko noNqoza kulo kodwa abe emi emi uMapheza ekuphandeni.
- UMapheza uye eba ngumqobo usuku nosuku, ibe bulunga xa esenzelwa amayelenqe okuba adliswe nguNqoza kodwa ixhala lokuba angaphila libenza bawuzame lo mqobo unguye ngokumkhupha esibhedlele ukuba asiwe kuvutha kaSphongo okweli qumrhu likaThantsawa. Liphelelwe nelo icebo kuba uvutha ubulele unyana kaSphongo.

- Umgqobo wokuya kwilifa usekukutshintshwa kweencwadi zelifa ezithi zakutshintshwa zingatshintsheki ngenxa yempazamo ayenzileyo yena Thantaswa ekusayineni.
- Ilifa liwela kunyana kaMsindisi, uPhumlani, kube sekuvela omnye umqobo wokugxothwa kukaMfuneko noNqoza emsebenzini abe uyatyhileka yena kumntu wonke ukuba nguye obulele uMsindisi abe noMkhokeli emhlalele ngokumvusela isazela.
- Owokuggibela ngowokuba xa ephelelwe ngamahlathi kangaka kucaca ukuba makabuthathe ubomi bakhe.

[25]

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 7.1 Idolophu yaseGcuwa inezifundiswa ezi luxhaphake kuzo olu hlolo lolwaphulo mthetho. ✓✓ /Ineendidi zabasebenzi abafana naba basesipoliseni bangooMfuneko ekulula ke ukuba bafakwe kwimigibe eyile agqibele engena kuyo. ✓✓/ Oosomashishini bafumaneka kwiidolophu ezinje ngeGcuwa le. ✓✓/ OoSaxaki ngabantu abahlala ematyotyombeni abahluphekayo bafumaneka lula ukuze banikwe imadlana engephi baqhube imisetyenzana efana nokubulala abantu. ✓✓/ Amagqwetha nee-ofisi zazo nazo eziqhuba izenzo zolwaphulo mthetho nabantu abanamabhongo okwenza iiwili bafumaneka kwiindawo ezifana neGcuwa le. ✓✓

**(Nasiphi na kwezi)** (2)

- 7.2 Lulwimi oluqweqwedisayo. ✓ Kuba lumqweqwediswa umntu ngokuthi lumenze azijongele phantsi kuba libhekisa kumntu omathileyo aze ke ngoko nangoko afune ukuzikhupha kweli phungulelo ngokwenza oko kufunwa ngulo ukhupha loo mazwi. ✓ (2)
- 7.3 Hayi kuba nguye owayesele esithi usisidenge ngokuhlala ahlale abulale umyeni wakhe uMsindisi. ✓✓ (2)
- 7.4 Umenze wazithethela ngokwakhe sazivela iindlela nobubi abukhupha ngomlomo wakhe obumtyhilayo uhlobo alulo. ✓✓ (2)
- 7.5 UThantaswa wenze ubudenge ngokubhala umhla ongahambelani nobhalwe lingqina likaMsindisi. ✓✓ (2)
- 7.6 Lo mxholwana ulobele uThantaswa kumgibe wokuthandana nosomashishini ngeenjongo zokufumana ubutyebi ngenxa yencoko yakhe nentanga yakhe kwangabikho unqandayo. Kukhule ukunyoluka ukuze angene kumgibe wokuthenga ababulali. ✓✓ (2)
- 7.7 UMapheza umele icala lomthetho kwaye akagungqi. ✓✓/Nguye ke ngoko odlulisa umyalezo kubo bonke abaphuli mthetho abakule ncwadi nabafundayo ukuba ulwaphulo mthetho alunantlawulo. ✓✓ (2)

7.8 UMfuneko yena unzulu kuba elipolisa nje uleli laphula umthetho. ✓ Ukho kumayelenqe okukhulula abafazi ababulele amadoda. ✓/ Uyabandakanyeka xa uThantaswa afuna ukubulala umyen i wakhe. ✓/ Ukwathandana noThantaswa etshatile. ✓ Nguye othenganofuna okanye ofaka abanye kulo mgibe de kucace ukuba ugqiba kwa isipolisa eso ooNqoza bangamaxhoba akhe. ✓/ UNqoza uphelelwa ngumsebenzi ngenxa yokusebenzisana naye. ✓ Indlela asebenza ngayo inxamnye nenjongo awayeqeshelwe yona. ✓

**(Nasiphi isibini kwezi)** (4)

7.9 Kusemini ngesithuba sentsimbi yeshumi elinambini. ✓ (1)

7.10 Eyokuba uzibona esemngciphekweni esengabanjwa nanini na xa uMfuneko olihlathi lakhe ethathwa kuye. ✓✓/Eyokuba uzibona ekwimeko yokuba amahlathi kuye aphelile. ✓✓ (2)

7.11 Indibongo yindawo emnyama, enzulu ekunzima ukuphuma kuyo aphi kungabonakali cala lakuphuma nakukhanya. UThantaswa uyibona iyindibongo le kuba kwimeko akuyo uphelelwe ziinyani ngoku xa elahlekwa nangumhlobo wakhe endleleni. ✓✓ (2)

7.12 Sisifundisa ukuba masilumkele ukulandelaabantu ngokubathanda kuba oko kungasifaka ezingxakini nanjengoko kwenzeke njalo kuye. ✓ Namhlanje ugxothe emsebenzini uye kotha ilanga ngenxa yokuthanda izinto. ✓ (2)

[25]

## UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise
- njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina
- bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

### Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ukomelela komlinganiswa oyintloko/ oliqhawe kubonwa ngenani okanye ububanzi bemiqobo athe wahlangana nayo ebalini ukuya kwimpumelelo okanye isiwo sakhe.
- Imiqobo zizo naziphi iziphazamiso eziza nomchasi ukuze angayifumanilula into ayifunayo oyintloko.

Kule ncwadi uThole unguye umlinganiswa oyintloko/iqhawe owomeleleyo kuba ubesilwa nomchasi onamandla- intliziyo yakhe engakwazi kulandela ezona njongo zakhe zobom.

- Umqobo wokuqala ahlangana nawo ngowokuyeka isikolo phakathi aye eRhawutini.
- Xa ebuya uziyeka adlule neetshomi ezihambe zimseza de azibone sele eseBhayi.
- EBhayi, sele esithathile isigqibo sokubuyeka utywala, wafumana umsebenzi, uziyekela ezintombini athandane noNomSA othe kanti ukwathandana noJoe osisikrelemnqa.
- Sele ebethelwa xa eza kungena kuloNomSA, akayinanzi loo nto ahlangane noJoe ubuqu ambethele ikasana ehamba nabanye oonqevu athathe isigqibo sokusebenzela inkosi abe sele ethatha nemithwalana yakhe ukusinga kwelakubo.
- Kuloo ndlela uhlangana nomqobo okukuhuhutheka neetshomi, nazo ziya kumlahla ezingonyameni eKnysna zibaqwenge phofu yena asinde.
- Umqobo ahlangana nawo ngowendlala yaseKnysna awuqabele ngokuzenza igqirha afumane imali eyaneleyo yokugoduka.
- Xa kulapho kanye injongo yakhe yobom iyazineza ukuba akakayiqabeli angafane angabi nandlela nje.
- Akugoduka uhlangana noFikizolo ezenza umqotyana esithi makazeke ayeke isikolo ngenxa yokuba ecinga ukuba mdala. Awoyise lowo ngokuthatha isigqibo sokuphindela esikolweni asilande.
- Umqobo ovelayo ngowokuphelelwa yimali abezifundisa ngayo awuqabele ngenxa yeziphiwo zakhe wafundiswa ngamaWesile de wanePHD.
- Waqabela, wazeka, wangumfundisi, wafumana uyise, wavusa ikhaya waneliseka.

[25]

## **UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

### **NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

9.1 Le dolophu ibonise uThole intokazi enguNomSA ethe yamenza wangena kumgibe kaJoe owambetha wakhumbula ikhaya abesele elityeshele ngemikhwa. √√/ Kwakhona ubesuka eBhayi ngoku wandlandlatheka waya kutshona kumahlathi aseKnysna ngokuthemba abahlolo. √√/ Kulapha eBhayi apho angakwazanga kulandela izikrokro anazo nokubethelwa xa wayesiya kwaNomSA waze wangena engxakini kuba iBhayi lizele umoya weziyolo. √√

**(Nayiphi na kwezi) (2)**

9.2 Wolwimi oluqweqwedisayo √ kuba unyanzeliswa ukuba abuse antlalekiswe kusithiwa makathi “nkosi” kumntu kuba emoyika. √ (2)

9.3 UThole wagqibela ngale mini ukuba yinja kuba kungale mini apho wathatha isigqibo sokushiya iBhayi wathatha nesigqibo sokusebenzela inkosi. Sithetha nje ungumfundisi ophume izandla owabelwe isekethe yakhe, unezifundo zePHD kwezobufundisi. Ngoko ke esi yayisisithuko sale mini kuphela. √√ (2)

- 9.4 Kuba bayazithethela sitsho sihlumise koku bakuthethayo ukuba izimo zabo zinjani. √√ (2)
- 9.5 Wadludla nabahlobo bakhe ooThemba noSonwabo. √√/Wadludla noNomsa de wafikwa nanguJoe. √√/Waphinda impazamo yokudludla nabahlobo akhwele itekisi engayiqinisekisanga ukuba iya kwikhaya lakhe. √√/Waziyeka wasezwa utywala ngooThemba ootshomi bakhe/wayeka isikolo phakathi. √√
- (Nayiphi na kwezi)** (2)
- 9.6 Uwuxhase ngokuba ngumxholwana oziveza njengeminye yemiqobo atsibe kuyo uThole wavelela kubomi obunamagingxigingxi. √√ (2)
- 9.7 Ngokuba nguye obeyinjinga nongumqobo ngokumana emfaka kwiimeko ngeemeko ezimphazamisileyo ebomini. √√ (2)
- 9.8 Uyashumayela kuba unebandla lakhe sithetha nje eGeorge Goch. √√/ Nasesikolweni washumayela Wade wafumana ukufundiswa ngenxa yokutshatshela ekushumayeleni. √√/ Naphesheya uye watshatshela ngokushumayela. √
- (Nasiphi na isibini kwezi)** (4)
- 9.9 Kuthetha ukuba uyeke ukuba limbatha ngubo ube likholwa. √ (1)
- 9.10 Eyokuba unento emenza umvandedwa lo anawo ngoku. √√ (2)
- 9.11 UCentane likhaya likaMkwayi lemveli nanjengoko elitshipha eRhawutini. Sele iyindawo emenzela isazela kuba washiya abazalana naye apho ngoko kuziintloni ukulibiza ngenxa yezo nkumbulo. √√ (2)
- 9.12 Okokuba umntu makangancami athi kuba namhlanje esuke wangulo mntu uneempazamo makazi ukuba kusenokuthi kanti unento ayibekelweyo kwaye ubomi bomntu buyatshintsha. √√ (2)
- [25]

## **UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

### **UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

### **Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Ukomelela komlinganiswa oyintloko/oliqhawe kubonwa ngenani okanye ububanzi bemiqobo athe wahlangana nayo ebalini ukuya kwimpumelelo okanye isiwo sakhe.
- Imiqobo zizo naziphi iziphazamiso eziza nomchasi ukuze angayifumanu lula into ayifunayo oyintloko.

Kule ncwadi uMfazwe unguye umlinganiswa oyintloko/iqhawe owomeleleyo kuba ubesilwa nomchasi onamandla-isipolisa esingenabulungisa sikarhulumente wengcinezelo. Le miqobo iziveza ngokufa ajongene nayo enguye kwanokufa okusegameni lesizwe. Unalo mnqweno wokuba ubulungisa buthathe indawo kwaye unomqobo wokuba ngomntu onyulu kodwa izinto zimfuna zimleqa zisithela ngaye zihlutha obu bunyulu.

- UMfazwe ulandelwa ngamapolisa ngenxa yokutyhila abafundi ngamalungelo wabo, esebeanza ithuba lokuba engutitshala ofundisa ezembali kwisikolo iFundu.
- Amapolisa atyala iimpimpi zaho kwilali yakwaQaka, oko kukhokelele ekubanjweni kukaMfazwe.
- Eluvalelwani uMfazwe ucengwa ngamapolisa ukuba abe yimpimpi yaho, akhabe ngawo omane uMfazwe axolele ukuba abethwe ngamapolisa ade amtyise ngenja, akhweliswe nayo kumva weveni.
- Ukuphuma kwakhe ejele ufika esiva iindaba zokuba indlu yakokwabo itshisiwe abazali bakhe abaziwa ukuba baphi.
- Kuthe ndii neendaba zokuba yena Mfazwe uyimpimpi yamapolisa, umsasazi wezo ndaba nguFriday olutshaba lwakhe.
- Ufika kukho intlanganiso eholweni, uya kuyo le ntlanganiso ngeliyokuhlamba igama lakhe lokuba kusithiwa yimpimpi.
- Ufika ejikelwe ngabantu bonke bakwaQaka nabafundi aba abafundisayo, uphuma eholweni ebaleka ebethwa.
- Uthi akubona ukuba ubomi bakhe busemngciphekweni abalekele kwamalume wakhe eMnqwazi.
- Ubuya mhla ngomngcwabo kaKK noMachule, alale kwaMfundisi Hlathi, ze ebusuku kufike uFriday neqela lakhe ngeenjongo zokumbulala kodwa asinde ngokuzifihla kwimoto endala.
- Ulandela ooFriday abone ukuba kukho abantu abakheliswe kule moto ishiywe ngooFriday enabantu abangxwelerhiweyo, anyathele elo gazi labo.

- Ucetyiswa nguMfundisi uHlathi ukuba makabhace kungenjalo uFriday uya kuthi nguye obulele aba bantu.
- Uya elubhacweni ngeenjongo zokukhulula abantu abamnyama kwincinezeloyokuzibandakanya nombutho iMbokotho ebomvu, ayibanga lula indlela eya elubhacweni kodwa ude wafika apho ebasingise khona eMgazi.
- Usindile emapoliseni aseThongo nakumajoni emibutho eselubhacweni. Bonke obo bunzima adibene nabo abumthibazanga mandla kumnqweno wakhe wokukhulula abantu abamnyama kwincinezeloyabamhlophe.
- Ubuya elubhacweni ngokuba imibutho yopolitiko ivulwe imilomo, xa efika kwaQaka uxelelwa nguSimphiwe ukuba uyafuneka eRhawutini kwiingxoxo.
- Ubamba inqwelo moyu uya eRhawutini noFriday unombutho wakhe ulapho kwezo ngxoxo.
- Kwiingxoxo ezo bayakhululeka abantu kumbuso wengcinezelo wabamhlophe, uMfazwe obesaziwa njengempimpi ngoku uyijaji kwityala likaFriday. Oku kubonisa ukuba uMfazwe wawuphilela umnqweno wakhe wokuba bakhululeke abantu phantsi kwengcinezelo exolele nantoni kunokuthengisa ngabantu bakokwabo.
- Ukufumana kwabantu abamnyama inkululeko yaba kukufezelekisa komnqweno kaMfazwe. UMfazwe wayekulindele nokufa kwiinzame zakhe zokukhulula abantu abamnyama, bona neendlela ahamba ngazo ukuya elubhacweni ephepha amapolisa kodwa ekugqibeleni wafezekisa umnqweno wakhe.

[25]

## **UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

### **UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

- 11.1 Le lali inabantu abahluphekayo abathengeka lula kumapolisa abafana nooFriday. Kunjalo bakho abefundisi abaneliso elibukhali kule meko abababonayo aba bantwana njengokuba bekhula nje abatsho bakwazi ukunika isikhokelo. Amapolisangumhlaba wawo wokuzonwabisangokuphatha kakubi abantu abakwaQaka. √√ (2)
- 11.2 “Lulwimi oluqweqwedisayo kuba oku kuthi umuncu kunenjongo yokuba azincothule koubumuncu ngokwenza le nto afune ayenze uMfundisi uHlathi. √√ (2)
- 11.3 Hayi kaloku uMfazwe ngulo uphele sele eyijaji echophele ityala likaFriday. √√ (2)
- 11.4 Ubazobe mayana kuba bayazithethela sitsho sazi ngentetho zabo nezenzo zabo ukuba bangabantu abanjani. √√ (2)
- 11.5 Akafundanga watsho wangaziphendula iileta zikaZoe ekusenokuthi kanti zazixela ukuba uNokuzola ukhulelw. √√ (2)
- 11.6 Ududulele ukuba uMfazwe aye elubhacweni, kwaze oko kuya kwakhe elubhacweni kwabangela ukuvulwa imilomo yemibutho yezopolitiko kwakho nenkululeko. √√ (2)

11.7 Ubukho buka Friday bubo obubangele siwabone amandla kaMfazwe –  
nguFriday ongumtshutshisi nomngungcuthekisi kaMfazwe ukuze ade  
aye elubhacweni nje. √√ (2)

11.8 “UMfazwe ulandelwe ngamapolisa esikolweni afundisa kuso ngenxa  
yokuba kwavakala ukuba utyhila abafundi ngamalungelo wabo kwaze  
kwathiwa unyhasha umbuso wabanjwa √√ UMfazwe ulandelwe  
ngamapolisa kumngcwabo kaMachule kwafuneka ezimele aye  
kwaMfundisi ngengcebiso yooSimphiwe √√/Ngexesha uMfazwe aza kuya  
elubhacweni esukela kwankosi uZamlandela bafika noNdima amapolisa  
evalile kuba ekhangela uMfazwe √√/ Esitishini ayezula-zula amapolisa  
kwanyanzeleka ukuba athwale umnqwazi uMfazwe ukuzifihla √√/ Kuloliwe  
akhwele kuye uthe wema esithuben i kwaqhuba ugqogqo, wehla uMfazwe  
wahamba ngeenyawo ukuze adibane nomzingeli. √√

**(Nasiphi isibini kwezi)** (4)

11.9 Kukuhamba kwindawo olalelw kuyo ucinga ukwindawo ekhuselekileyo √/  
Kukuba kwindawo olindwe kuyo ucinga wena ukwindawo  
ekhuselekileyo √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

11.10 “Sizisa ingcina yokunikezela. √√/Sizisa ingcina yokuba  
akanabungozi. √√/Sizisa ingcina yokuba wayethobela umthetho. √√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

11.11 IThongo yidolophu adlula kuyo oya eMgazi. Idume ngokuba namapolisa  
akhohlakeleyo, ekungelula ukudlula ngakumbi kabantu abaya  
elubhacweni. √√/Umntu oya elubhacweni eMgazi ixhala lakhe  
ibikukndlula eThongo eyayidume ngamapolisa akhohlakeleyo. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

11.12 Amapolisa ebefudula ebaphatha dlakadlaka abantu ngexesha  
lengcinezelo encedisa umbuso, lowo ubonakala enyhasha umbuso  
ebeba sisisulu sokubethwa ngamapolisa abanjwe. √√ (2)

[25]

## UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### **UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – NNN Swana**

Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise  
njengesikhokelo kuphela.

Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina.  
bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.

- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

### **Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Ukunonga kwamaqhalo nezaci intetho yesiXhosa yenze yemiba yexabiso enokukhankanywa.
- Izaci, amaqhalo, iintsomi, zilondoloza ulwimi nanjengoko zifumaneka kubantu asele bebadala kuba namagama abesele'edukile kwintetho yemihla ngemihla ayabuyela ngenxa yokusetyenziswa kwavo.
- lintsomi namaqhalo ziyalumkisa kwangemo le yawo kuba aqulethe iziyalo nezilumkiso. Zikho izaci eziqulethe iziyalo kodwa ke zimbalwa kakhulu zona. lintsomi ezininzi zisekwa kwizenzo zabantu abadela iziyalo abathi ngokwenza njalo bafumane izohlwayo. (umzekelo ochanekileyo uyancedisa ekuboniseni indlela oku okwenzeka ngayo.)
- lintsomi namaqhalo amaninzi aqulethe imfundiso ngembali yelizwe okanye yesizwe baze ke abakhathalayo basenge kulo mbele ungekagxwali bakwazi ukuludlulisela kwizizukulwana ezilandelayo zingekabuni. Neziseko ezi zamaqhalo amanye asekwe kwimbali yelizwe aze ke abe yimfundiso ngolo hlobo xa emana eqhaqhwa imvelaphi yawo.
- Wambi asekwa amaqhalo ezintsomini aze ke ngolo hlobo aqhube imfundiso yawo kuba emafutshane kunentsomi. Umzekelo xa ubani esithi imbila yaswel'umsila ngokuyalezel. Nezaci ngokunjalo ukuba yimbulu nako kusukela entsomini kuyasetyenziswa ize ke inkcazel yemvelaphi iye kuthi ngqu kule ntsomi.
- Ngaphezulu ngokwale nkcazel ziyakhulisana kule yokuba enye ivela kwenye okanye inemvelaphi ekwenye.
- Zimbi izaci njengesithi uhili uphumile ezingcongolweni, zisekwe kumava abantu nezinye ezifana nokuthi umba othile unonyawo lwemfene ngoko ke kubalulekile ukuba kwaziwe ukuba kuqatshelwa okuthile ukuze kwenzeke izaci batsho bafunde ukuba nomqaphela kubekho izaci ezitsha ulwimi lukhule.
- Iyakholeleka le yokuba iintsomi zazilimanya ikhaya zincedise nasekuloleni iingqondo zabamameli kwimisetyenzana ekufuneka beyenzile ukuncedisa inkqubela phambili yentsomi de kuthi khon isakhono sokuphulaphula esiphuncuka qho xa bengenziwa ukuba bangene kule migca. Oku kuloleka kukhuliswa nangamaqhina ingakumbi kuba azithengwa zona njengokuba kusenziwa kwezoomabonakude iinkqubo. Zifumaneka mahala.
- Izibongo zemveli nazo ziqulethe konke okuqulethwe ziintsomi ngolwazi lwemiba yesizwe ebalulekileyo, ukwazisa ngemida, amaqhawe esizwe imihlaba eyalwelwayo nendlela eyafunyanwa ngayo.
- Nazo ziyayilola ingqondo kuba umfundi ove ngegama elinye nje umzekelo 'elakwaHoho' uyaphanda de azi ngalo Hoho ukuze asabe esisisile senyathi kwabo kufuneka babe nolwazi kuzo.
- Imbongi incoma igxeka kwisimbo sayo yiyo ke le nto ngokuphulaphula zona yiyo.

- lingoma nezibongo zinomsebenzi oyeleleneyo okukonwabisa njengazo zonke iindidi zoncwadi lwemveli. Lelona xabiso lalo liphambili kuba ezona zinto zihamba phambili kukuxabiseka kwazi kulo msebenzi wokonwabisa. Zize ke zibethe iintaka ezimbini ngelitye elinye.

Zonke zidlulisa imiyalezo ephambili efana nokukhalaza nokushwabula nokutyhila ingqondo ngoko kunokusuka kwenze ingxaki.

**(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka)**

[25]

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI - NNN Swana***

- 13.1 Nanjengoko injongo yentsomi ikukulumkisa, iLatakisa yindawo ekude kunale ukuyo, engaziwa bani eyinika ukuba yindawo ekholelekayo kodwa abantu bafunde ukuba bakho abantu abanje ngaba kwezinye iindawo. Batsho ke bakwazi ukucinga ngale ndawo nezenzo zabantu bayo batsho bamangaliseke ukanti ukuba ibiyindawo abayaziyo bebeya kuphika. √√ (2)
- 13.2 UDeliwe wancedwa lixhegwazana elamyalela ukuba athandaze wathandaza soluleka isifombo. √√ (2)
- 13.3 Usebenze ukwakha umfanekiso ntelekelelo wendlela ezalandelelana ngayo iziganeko ngokufutshane kule ntsomi. √√ (2)
- 13.4 Ngokuba umele bonke abantu abanezikhwasilima emzimbeni abahlelwa de bahlelwe ngabazali babo. √√ Ngokuba uthile into engananzwanga – ilizwi lexhegwazana kwintlalo yoluntu namandla ahamba nalo. √√ amandla omthandazo asekho kwabo bazimisele ukuwathatha. √√ (2)

**(Nasiphi isithathu kwezi)**

(2)

- 13.5 Ubukho bamaxhegwazana anemimangaliso √/ indlela eqalwe ngayo, √/ indawo eliqhubeka kuyo ibali √/ umbalisi uthetha egameni labo bonke abalinganiswa naye na kakade mbalisi. √/ abanye abalinganiswa abanamagama.

**(Nasiphi isithathu kwezi)**

(3)

- 13.6 Linyanise kuba libonise ukuba wonke umntu unesiphako sakhe umzekelo ukungabi nasifombo akuzukumenza ahlale efunwa ngumntu wonke. √√/ Lisetyenziswe ukubonisa ukuba aba bebemhlela nabo banazo iziphako kuba bemhlela nje nabo basaya kuhlelwa ngezabo. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)**

(2)

- 13.7 Sisifundisa ukuba ukuzalwa kune nomntu akusosiqinisekiso sokuba uyakuhlala emi nawe ekuxhasa okokoko kwiimeko ohlangana nazo. Qola uqine imiqobo yohlala ikho nokuba awunasifombo. √√ (2)

- 13.8 Indlela oqala ngayo √/ okubongwayo √/ indlela ophela ngayo √/  
uphindaphindo √ ulanda imbali yokuba inyanga yeSilimela ixatyiswe  
kwaXhosa. √

**(Nasiphi isithathu esichanekileyo)**

(3)

- 13.9 Umbono wokutshintshiselana kwabamhlophe nabamnyama ngezithonga  
kusiwa umntu macala xa kwakusabelwana ngale mihlaba ixelwayo/ ezi  
nyanga zixelwayo. √√

**(Nayiphi impendulo echanelekileyo)**

(2)

- 13.10 Sisandi u-tsh √

(1)

- 13.11 UNdluzodaka uzalwa nguNopasi ozalwa yintombi kaMon'umhlophe. √√

(2)

- 13.12 Ibaluleke ngokuba kubalwa ngayo iminyaka yobudoda kwaXhosa. √√

(2)

[25]

**AMANQAKU ECANDELO B:** 25

## ICANDELO C: IDRAMA

### UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

#### **BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

#### **Zimbini iindlela zokuyijonga le mpendulo.**

Omnye angasebenzisa amehlo okuba lo mdlalo uyintlekele aze ke ngoko amjongo ngala mehlo lo mlinganiswa uyintloko

- Uba ngumntu onezinto ezimenza athandeke abe kwindawo ebalulekileyo ebomini bakhe abe ke ungutata wekhaya uZwilakhe
- Kufuneka abe nesikhwasilima esinye okanye esiya kukhokelela kwisiwo sakhe nanjengoko yena ethanda iwonga alinikwa nguMagaba atsho abe nobungqangangqanga bobuZwilakhe.
- Lo mlinganiswa uthi ngenxa yesikhwasilima sakhe enze into ekhokelela ngqee kwisiwo sakhe. Sibe ke simbonile uZwilakhe esenza impazamo enku yokuthi emazi uThobeka ukuba akazange ahlangane ndawo nomyeni wakhe wenkani amthumelele uGugulethu lo mfazi nabantwana abangaziwa mntu. Siyanduluka ke isiwo sakhe kuba uGugulethu ubaxabela ngezembe bonke naloo Thobeka na kakade kutsho kudule konke nakuye ukuba ukunyanzelisa umntu akufuneki.

#### **Elinye icala lingavelela oku**

- Ngumsunguli wentshukumo ebalini.
- Abachasi basabela isenzo sakhe luqale ulwabhici.
- Iziganeko ezisebalini zingqonge yena kwaye isiganeko ngasinye sikho ngaye.
- Uba nento ayivuzel'izinkwe kubekho imiqobo ebangela ukuba ifumanike luzizi loo nto nokuba uyayizuza.
- Atsho abe nobuntshovuntshovu benkunz'enja ukuze aphule imiqobo esendeleni yakhe nokuba kumnyam'entla.

#### **Kungavelelwa ezi nkalo kumacala onke ukumbophelela uZwilakhe.**

- Umlinganiswa oyintloko ngulo mlinganiswa ubangela izinto zenzeke ngale ndlela yakhe, uZwilakhe njengoko negama lizichaza unyanzela uGugulethu ukuba atshate noThobeka ngelithi uneempawu zobufazi.
- Ungumlinganiswa ozotywe waneenkani ephenjelelwa yinkosikazi yakhe, kakade umlinganiswa oyintloko kufuneka abe nomqolo angajiki lula nje kumnqweno wakhe.
- Akathandisi bani uZwilakhe ngesiggibo sakhe, noGugulethu lowo akamthandisi umi ekuthini uza kuthatha le ntombi ayibonelwe nguye.

- Umgqolo uwunikwe nguMaGaba inkosikazi yakhe xa isithi apha kwayo intombi eza kurhuqa amajelemane yintombi kaMcothama ayikho enye.
- Wohlukana ke uMaGaba noZwilakhe xa eza kudibana namawabo uZwilakhe malunga nokuthathelwa kukaGugulethu, uthi uMaGaba ancede ke angazenzi ixoki.
- Ngoku kanye uGugulethu sele esithi ucela ukuzibonela intombi amakayitshate, ukhaba ngawo omane uZwilakhe ngelithi akanokwaphula isiko.
- UGugulethu ecela ukuba azikhethelle intombi ayithandayo nje kungokuba sele ethembise uNomaMpondonmise amthandayo kwaye ikhuphe neenkomo kuba isazi ukuba kuza ezikaGugulethu.
- Kungenelela abantakwabo uZwilakhe bemonisa ngobungozi bokubonela umfana intombi, uma entla uZwilakhe kuba ulilande igama lakhe, ngelithi ingehla ehlayo kunyuke enyukayo kuza kwenzeka intando yakhe phaya kwakhe.
- Ngoku amawabo emcebisa uZwilakhe, kodwa atsho phantsi baphela besithi mabamyeke isala kutyelwa sibonwa ngolophu.
- Uthatha unyathelo lokuba kuyokucelwa intombi kaMcothama le ayifunayo.
- Kwimibuzo ebuzwa ngumfundisi xa etshatisa impendulo kGugulethu yayisithi ‘Buzani kubawo.’
- Mhla ngomtshato uGugulethu ubophe isandla kuba engafuni kuzibophelela ngokusayina, uZwilakhe uyamsayinela, wathi kumfundisi makaqhube nenqubo yokutshatisa.
- Zenzekile izigigaba kwaqala kwahlatywa uNimrod uMzamo ongumhlobo kaGugulethu mhla ngomtshato.
- UNomaMpondonmise uyazibulala.
- UGugulethu washiya ikhaya lakhe, nanko uZwilakhe esenza eyakhe yambi ukuthumela uThobeka eMthatha nabantwana abathathu kuGugulethu ovalincamayo ikhaya lakhe.
- UGugulethu ubulala abantwana noThobeka lowo na kakade, abanjwe ke.
- Mhla ngetyala xa agwetywa intambo uGugulethu unina uMaGaba uzityisa ityhefu uyafa.
- Kwimibuzo ayibuzwayo enkundleni uGugulethu umile ngokuthi, ‘buzani kubawo’, wade umantyi wayilandela le mpendulo.
- Ekubufumaneni ubunyani bale mpendulo ulumkise abazali bonke ngokunyanzela abantwana ekubeni batshate abantu abangabathandiyo nobungozi boko, njengale meko kaGugulethu.
- Waphela ezsola uZwilakhe kodwa engasenakuguqula nto ngoku.
- UZwilakhe ke kuyabonakala ungumlinganiswa omele icala elibi, cala elo eloyisiweyo kuba iphela incwadi ezsola ngezenzo zakhe ekubeni wayecetyisiwe.

[25]

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)****BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa****ISICATSHULWA A**

- 15.1 Libe ngunobangela wokruthakruthwano olukhoyo. Lidale iyantlukwano ngeembono. √√ (2)
- 15.2 'Andazi ke ukuba kukho umntu ongalawulwa ade alawulwe nangendlu yakhe. √√ (2)
- 15.3 Kwafuneka ondliwe uThobeka nabantwana bakhe nguZwilakhe de wadinwa ngelithi akazukondlela enye indoda intsapho yayo. √√ (2)
- 15.4 Waqina kanye ngoku abantakwabo noMzamo bemonisa ubungozi bokubonela uGugulethu intombi amakatshate nayo. √√ (2)
- 15.5 NgokukaGugulethu kuqala yena athande intombi kanti kuyise kusetyenziswa isithethi sokuhlolelwa. Utata uyabona acele intombi unyana athathe okuthandwe nguyise. √√ (2)
- 15.6 UZwilakhe wanamhlanje unenkani uzibona engamela yonke into ngalo mtshato ukanti ngomhla wetyala uthokombisile uzibona ubutyala ngokutshatisa aba bantwana engacingisisanga ude ufunu isigwebo size kuye ngangokuba ezipola. √√ (2)
- 15.7 Yimiylelo yeqonga √ ukuzithethela kwabalinganiswa √/ ingxoxo. √ (2)
- 15.8 Ngowexabiso, umxelela zonke iimfihlo nenjongo zakhe. √√/  
Ungumlinganiswa othenjiweyo, uhlobo lunye nomlinganiswa lowo./  
Umzamo ngumhlobo wenene kuGugulethu unaye ngamaxhesha onke,  
uyamncedisa xa acela uthando kuNomaMpondomise, √√/  
Uyamkhuthaza xa efuna ukutshata√√/ athelele xa exhatshazwa nguyise uGugulethu. √√
- (Nayiphi na kwezi)** (2)
- 15.9 Bubuthathaka bokuhlala elizwini lakhe √/ ukuthanda amawonga √/ kuba ethi naxa eboniswa ngamaHlubi nabangengawo kuquka ooMzamo de athi ubomi sele busemngciphekweni nesigqibo sakhe sixikixwa zezolutsha ahlale. √ (2)
- 15.10 Ziimbono zabazali babo √/ yindlela abazali babo abatolika ngazo umtshato √/ yindlela abaqhele kwenza ngayo abazali √/ ziinkani zabazali √/ yintloniphoyabazali elindeleke emntwaneni ngumntu omdala. √√
- (Nasiphi na isibini)** (2)
- 15.11 Buzani kubawo √ (1)
- 15.12 Sesokuzeyelisela kukaNomaMpondomise. √√ (2)

- 15.13 Ewe isakufanele kuba basekho abazali abanezi mbono √√/  
Hayi ayisakufanelanga kuba izinto zatshintsha abazali bayekela  
kwiintombi noonyana ngoku umba womtshato. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)**

(2)  
[25]

## UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *INDLALA INAMANYALA – M Lamati*

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ibalu liqala ngaye uMagrazula liphele ngaye, kwakwiphepha lokuqala kwindima yokuqala kumboniso wokuqala sidibana noMagrazula ethetha nesicaka sakhe uDlezinye.
- Unento ayinqwenelayo ekungekho lula ukuyifumana, uMagrazula unqwenela ishishini lakhe libyele kumgangatho walo wangaphambili ngokuthi abelwe iintsana kodwa akawazi kuwenza ngokwakhe lo msebenzi kufuneka efune abantu bokuwenza lo msebenzi.
- UMagrazula akapheli mandla amapolisa avale umthombo wokushishina ngeentloko zabantu, nanko esithi gqi kwelinje icala lokushishina ngeentsana.
- Kubantu abanokuwenza ke lo msebenzi ngabantu abangoomama bona abangayikukrokrisa xa bebeleke iintsana, kodwa yena asibantu abathembileyo abantu abangoomama kwicala lesibindi.
- Uyalela uDlezinye isicaka sakhe ukuba masifune abantu abanokuqhube lo msebenzi ngempumelelo.
- Umnqweno kaMagrazula ulithungela lonke ibali, liqhuba nje ibali kungenxa yakhe ukufezekisa lo mnqweno.
- Umnqweno kaMagrazula ubandakanya nabanye abantu aba baza kuqhube lo msebenzi wokuba iintsana.
- UDlezinye usuka kwango azilungise ukwenzela akholeleke kwiqhingga lakhe xa efuna aba mama baza kuqhube lo msebenzi wokweba iintsana.
- Uya ezilalini uDlezinye akhwetywe yinkangeleko yendlu kaMamQhinebe.
- Angene afike umphakathi wendlu ungqinelana nomphandle wayo, waqonda ukuba uza kusebenzisa ukulamba kukaMamQhinebe ukumlobela kulo msebenzi weentsana.
- Umqhathe waqhatheka ke uMamQhinebe ukuba ebe iintsana.
- UMamQhinebe umemele umhlobokazi wakhe kulo msebenzi injongo ikukumkhupha endlaleni naye uMaGatyeni.
- Bawuqhubile lo msebenzi uMamQhinebe noMaGatyeni wababhatala imali uMagrazula, mali leyo yambangela ukuba uMaGatyeni angawuvali umlomo.
- Kwisenco ke solwaphulo-mthetho umthetho uyangenelela, njengokuba wavala nela shishini leentloko zabantu. Kube njalo nakulo wokubiwa kweentsana, baye babanjwa uMamQhinebe noMaGatyeni.
- Njengangaphambili aba babeqhuba umsebenzi wokubulala abantu bazise iintloko kuMagrazula babanjwa kodwa abaze bamchaza uMagrazula njengomntu abamsebenzelayo. NoMamQhinebe noMaGatyeni babanjwa nkqi ukumchaza uMagrazula nangona bebesebenzela yena. Kuyabonakala ukuba ayamsebenzela amayeza wakhe.

[25]

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)****INDLALA INAMANYALA – M Lamati****ISICATSHULWA A**

- 17.1 Izenzo eziqhube ka kule ncwadi zinenjongo yokususa ikati eziko. √√/ Indlala iyimeko eyenza abalinganiswa benze izinto ezingekho mthethweni bambi balukuhleke ngenxa yokuba befuna ukuyeka ukulamba. √√ Indlala ingunobangela wempixano ekulo mdlalo. √√  
**(Nayiphi na kwezi)** (2)
- 17.2 "Hayi ke ngoku ndiza kungakuqondi nokuba akuphungulekanga na". √√ (2)
- 17.3 Wayesiwa evuka ethuthela abantu imithwalo erenkini ngenjongo yentlawulo. √√ (2)
- 17.4 Waxeleta uMaqhikizane ezinkonkqeni ukuba akazukumnyoba yena. √√/ Wakhuphela uSiphokazi amehlo xa kwakucaca ukuba uza kungena ekuthandaneni noMaqhikizane kuba efuna umsebenzi √√/ NguSiqhiwu obambise uMaqhikizane ngesenzo sokunyobisa √√/ Wawufumana uSiqhiwu umsebenzi enganyobanga. √√  
**(Nayiphi na kwezi)** (2)
- 17.5 UMagrazula waphula umthetho ngokushishina ngeentloko zabantu nto leyo edale ukuba amapolisa ahlale ekhondweni ukulwa lo mkhuba. √√ (2)
- 17.6 Umaqhikizane wale mini akamcengi umntu ongafuni kunyoba koko uyambhebhetha eofisini yakhe kodwa lo wamhla ngetyala wayecenga efuna uxolelo kuSibane ethembisa nokumnika imali. √√/ Owakudala ebefuna inzozo ngokunyotywa lo uxolele ukulahlekelwa kuba inguye ngoku onyobayo √√/ Akahlukanga kuba nangale mini yetyala yena usafuna ukunyoba uSibane √√/ Umahluko usekubeni nguye ofuna ukunyoba hayi kunyotye yena. √√  
**(Nayiphi na kwezi)** (2)
- 17.7 Abalinganiswa bayazithethela √/ amagama abukekela akwizibiyeli anika imiyalelo yeqonga. √ (2)
- 17.8 UPixie ufile nje wayalwa ukuba angamshiyi nakancinci umntwana akaphinde avele ndawo. √√ (2)
- 17.9 Kukuthanda imali ngokugqithisileyo ide imenze aphile ngeentlungu zabantu ezikukwaphula umthetho. √√ (2)
- 17.10 UMaGatyeni uyacingisisa √/ Kukuphepha amapolisa √/ nokuba baza kuzifumana njani ezi ntsana. √  
**(Nasiphi na kwezi)** (2)

- 17.11 "Kanti ke, qaphela Qhinebe, ingantle kakhulu le nto yethu xa sinokuyigquma ngezi bhatyi zomanyano." ✓ (1)
- 17.12 Sesokubanjwa kwabo mhla beba usana IwakwaLink. ✓✓  
**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
- 17.13 Isakufanele ukufundwa kuba isityhila ngezinto ezenzekayo ebomini ekusenokwenzeka ukuba ukungasebenzi kwabantu kungenxa yokungabi namali yokunyoba. ✓✓/Kuba ibonisa ukuba ukwenza izinto ezimdaka ngenxa yendlala akunambuyekezo kwaye umthetho awunalusini ngawe. ✓✓  
Ayikufanelanga ukufundwa ezikolweni kuba ithetha ngezinto ezimasikizi ezinokwenza abantu boyike ukushiya abantwana babo. ✓✓ Ingakhuthaza ulwaphulo mthetho kwabo bafuna iindlela ezimfutshane eziya ebutyebini. ✓✓  
(2)  
[25]

**AMANQAKU ECANDELO C:** 25  
**AMANQAKU EWONKE:** 80

**ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO</b>  Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo indlela azakuzela ngayo ingxoxo ukuwulandela kakuhe umhobe.	<b>5–6</b>  -Isihloko sitolikwe ngokunzulu. -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo Kusetyenziswa isihobe -Impendulo ibonisa ulwazi olugwesileyo Iwesihobe.	<b>4</b>  -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke njengoko bekufanelekile -Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe.	<b>3</b>  -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo -Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe.	<b>2</b>  -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo -Anqongopheli kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko -Impendulo ibonakalisa ukuqhalela kulwazi Iwesihobe.	<b>0–1</b>  -Akanalwazi kwaphela ngesihloko -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi Iwesihobe.
<b>6 AMANQAKU</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>1</b>	<b>0–1</b>
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>  Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlela yokubhala. Ulwimi ithoni nesimbo sokubhala isincoko	-Isakhiwo siyathungelana. -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwasileyo nangokucacileyo -Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, zinomtsalane zichanekile - Igrama, upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana -Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka. -Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becalo.	-Bukho ubungqina besakhiwo -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana Kwezimvo. -Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Ingxoxo ayicwangciswa ngokukuko. -Bukho ubungqina beziphene zolwimi. -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga.	-Isakhiwo sife amanq -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga
<b>4 AMANQAKU</b>					

**QAPHELA:** Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenyenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO</b>	<b>12–15</b>	<b>9–11</b>	<b>6–8</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
<b>15 AMANQAKU</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Impendulo igqwesile. 14–15</li> <li>-Impendulo ebalaseleyo. 12–13</li> <li>-Ukutolikwa okunzulu kweshiloko</li> <li>-lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.</li> <li>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.</li> <li>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.</li> <li>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.</li> <li>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko</li> <li>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.</li> <li>-Ulwazi lwejenre/netekisi aluggibelelanga.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.</li> <li>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.</li> <li>-Impendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.</li> <li>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.</li> <li>-Impendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.</li> <li>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.</li> <li>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.</li> </ul>
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>	<b>8–10</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>2–3</b>	<b>0–1</b>
<b>10 AMANQAKU</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Isakhiwo siyathungelana.</li> <li>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.</li> <li>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo</li> <li>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.</li> <li>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.</li> <li>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.</li> <li>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Bukho ubungqina besakhiwo obungaggibelelanga.</li> <li>-Unamathelelwano nothungelelwano Iwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.</li> <li>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.</li> <li>-Imihlathi ichanekile ikakhulu.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.</li> <li>-Izimvo azithungelelani kakuhle.</li> <li>-Iziphene zolwimi ziyabonakala.</li> <li>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.</li> <li>-Imihlathi ineziophene.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano Iwezimvo.</li> <li>-limposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.</li> <li>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala</li> <li>-Ulwakhiwo Iwemihlathi ludlakadlaka.</li> </ul>
<b>AMANQAKU</b>	<b>20–25</b>	<b>15–18</b>	<b>10–13</b>	<b>6–8</b>	<b>0–4</b>

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshela ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mniike u-0.